


# *Imizekeliso kaYesu*


Izindlu zombini ..……… …….….1

Umzekeliso womhlwayeli … ..…. …….3

UmSamariya olungileyo ……………………………....6

Yibani nilungile …………………………11

Imvu elahlekileyo ……………..………….13

Ingqekembe elahlekileyo ………………..15

Unyana wolahleko ……………………………………16




Zithobeni …………………..……………….….22

# **Izindlu zombini** ULuka 6 : 46 – 49

46. Yini na ke ukuba nindibize ngokuthi, Nkosi, Nkosi, nibe ningazenzi izinto endizithethayo?

47. Wonke ke umntu ozayo kum,
aweve amazwi am awenze,
ndonibonisa lowo afana naye.

48. Ufana nomntu owakha indlu, wemba wangxoka isiseko, wasibeka phezu kolwalwa.



Kwathi, kwakubakho umkhukula, wagaleleka kuloo ndlu umlambo, awaba nako ukuyishukumisa; kuba ibisekwe phezu kolwalwa olo.

49. Kodwa lo uwevileyo akawenza,

ufana nomntu owakhe indlu phezu komhlaba,

kungekho siseko;




wagaleleka kuyo umlambo, yawa kwaoko;


kwathi ukuwa kwaloo ndlu kwakukhulu.

**Umhlwayeli** ULuka 8 : 5 – 8, 11 – 15


5. Umhlwayeli waphuma waya kuyihlwayela imbewu yakhe.




Ekuhlwayeleni kwakhe yawa enye ngasendleleni, yanyathelwa, zathi iintaka zezulu zayidla zayigqiba.



6. Yimbi yawa elulwalweni, yathi isahluma, yatsha ngenxa yokuba ibingenakunyakama.




7. Yimbi yawa phakathi kwemithana enameva, yasuka imithana enameva yahluma kunye nayo, yayiminxa.




8. Yimbi yawa kuwo wona umhlaba olungileyo,

yahluma, yavelisa isiqhamo kalikhulu.



11. Ke kaloku umzekeliso nguwo lo:

Imbewu le lilizwi likaThixo.




12. Abo ke bangasendleleni ngabo bevayo,

andule afike uMtyholi, alisuse

ilizwi entliziyweni yabo,

ukuze bangakhowa

basindiswe.




13. Abo ke baselulwalweni ngabasakuthi, bakuliva,

balamkele ngovuyo ilizwi, aba ke abanangcambu;

bona bakholwa umzuzwana,

zebathi ngexa

lokuhendwa balahle.




14. Leyo ke yawayo emithaneni enameva,

ngabo bathi, belivile,

bahambe benamaxhala

nobutyebi neziyolo zobu bomi,

baminxwe, baze bangavelisi siqhamo.



15. Ke leyo isemhlabeni


omhle, ngabo bona bathi

ngentliziyo entle,

elungileyo, bakuliva

ilizwi, balibambe,

bavelise iziqhamo benomonde.



# **UmSamariya olungileyo** ULuka 10 : 25 – 37

25. Kwabonakala kusuka umqondisi-mthetho othile,

emlinga nokumlinga, esithi,

Mfundisi, ndenze ntoni na ukuze ndibudle


ilifa ubomi obungunaphakade?

26. Uthe ke yena kuye,

Emthethweni

kubhalwe ntoni na?

Ulesa njani na?



27. Waphendula ke wathi,

Uze uyithande iNkosi uThixo wakho

ngentliziyo yakho iphela,

nangomphefumlo wakho uphela,

nangamandla akho ephela,

nangengqondo yakho iphela,

nommelwane wakho,

njengoko uzithanda ngako.

28. Uthe ke kuye, Uphendule walungisa;


yenza oko, wobudla ubomi.

29. Ke kaloku yena, ethanda ukuzigwebela,

wathi kuYesu, Ngubani na ongummelwane wam?

30. Uphendule ke uYesu, wathi, Umntu othile

wayesihla evela eYerusalem, esiya eYeriko.




Wagaxeleka ezihangeni,



ezambhunyula iingubo, zamngxwelerha,

zemka, zimshiya engathi uza kufa.

31. Ke kaloku kwathi, kwehla mbingeleli uthile ngaloo ndlela; akumbona, wacezela phaya.



32. Kwangokunjalo ke nomLevi, akufika kuloo ndawo, weza wambona, wacezela phaya.

33. Uthe ke umSamariya othile, eseluhambeni, waya kuye; wathi, akumbona, wasikwa yimfesane.



34. Wafika, wawabopha amanxeba akhe,

egalela ioli newayini,



wamkhwelisa eqegwini lakhe,




wamsa endlwini

yabahambi,

wamonga.



35. Akumka ngengomso, warhola iidenariyo zambini wanika umnininindlu, wathi kuye.



Uze umonge;

nento ongathi ubuye udleke yona,

ndokuhlawulela mna ekubuyeni kwam.

36. Nguwuphi na kwabo bathathu ngoko, othi wena, waba ngummelwane walowo wagaxeleka ezihangeni?




37. Uthe ke yena, Ngulowo wamenzela inceba.

Wathi ngoko uYesu kuye,


Hamba, uye

kwenjenjalo nawe.

# **Yibani nilungile** ULuka 12 : 35 – 40



35. Mazibe zibhinqiwe izinqe zenu,
nezibane zenu zivutha;
36. nani nibe njengabantu
abayilindileyo inkosi yabo,
xeshikweni iya kubuya emsithweni; ukuze bathi,
yakufika inkqonkqoze, bayivulele kwaoko.




37. Banoyolo abo bakhonzi, eyothi yakufika inkosi,
ibafumane belindile. Inene ndithi kuni,
iya kubhinqa, ibangqengqise bona,
ize isondele ibalungiselele.

38. Nokuba ithe yeza ngowesibini umlindo wobusuku,
nokuba ithe yeza ngowesithathu umlindo,
yafika kunjalo, banoyolo abo bakhonzi.

39. Kwazini ke oku, ukuba umninindlu ebesazi ukuba
isela liza ngaliphi na ilixa, ange elindile,
akayiyekela indlu yakhe igqojozwe.

40. Nani ngoko yibani nilungile;
ngokuba uNyana woMntu uza
ngelixa eningalikhumbuleliyo.




# **Imvu elahlekileyo** ULuka 15 : 1 – 7

1. Ke kaloku, babesondela kuye bonke ababuthi berhafu naboni, ukuba bamve.

2. Babekrokra ke abaFarisi nababhali, besithi, Lo wamkela aboni, adle nabo.

3. Wathetha ke kubo lo mzekeliso, esithi,


4. Nguwuphi na umntu kuni othi, enekhulu lezimvu, ize kulahleke enye kuzo, angazishiyi ezingamashumi asithoba anesithoba entlango, asinge kuleyo ilahlekileyo, ade ayifumane?



5. Athi ke akuyifumana, ayibeke emagxeni akhe, evuya.

6. Athi akufika ekhaya,
ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane,
esithi kubo, Vuyisanani nam,
ngokuba ndiyifumene imvu yam ebilahlekile.

7. Ndithi kuni, ngokukwanjalo kuya kubakho uvuyo emazulwini ngomoni eba mnye oguqukayo, kunamashumi asithoba anesithoba amalungisa, angaswele nguquko.



# **Ingqekembe elahlekileyo** ULuka 15 : 8 – 10

8. Kanjalo nguwuphi na umfazi eneedrarhima

zilishumi,



ongethi, ukuba ithe yalahleka enye idrarhima,

alumeke isibane, ayitshayele indlu,

afune enyamekile, ade ayifumane?

9. Athi akuyifumana, ababizele ndawonye abahlobo

nabamelwane, esithi,

Vuyisanani nam, ngokuba



ndiyifumene idrarhima ebindilahlekile.

10. Ngokukwanjalo ndithi kuni, kubakho uvuyo

emehlweni ezithunywa zikaThixo

ngomoni eba mnye oguqukayo.

# **Unyana wolahleko** ULuka 15 : 11 – 32

11. Ke kaloku wathi,

Umntu othile ube enoonyana ababini.

12. Wathi omnci wabo kuyise,



Bawo, ndinike isahlulo sempahla esilunge nam.

Wababela imfuyo leyo.

13. Kuthe kungekabi ntsuku zininzi, wahlanganisa into yonke unyana omnci, wesuka kwelakowabo, waya ezweni elikude; wathi khona apho



wayichitha impahla yakhe ngentlalo yokuzibhubhisa.

14. Akubon’ ukuba udle konke,

kwabakho indlala

enzima kwelo zwe,

waqala ukuswela


naye.



15. Waya wanamathela komnye kubemi belo zwe;

wathi yena wamthumela emihlabeni yakhe,

ukuba aye kwalusa iihagu.



16. Ubenqwenela ke ukusizalisa isisu sakhe

ngeengxam ezabe zidliwa ziihagu;

bekungekho mntu umphayo.

17. Ke kaloku, akuba nokuziqonda, wathi,

Kanene bangakanani na abaqeshwa bakababawo,

abadikwa zizonka; nanku ke mna ndiphela yindlala?

18. Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye,

Bawo, ndonile kuwo amazulu, nasemehlweni akho.


19. Andisafanele kubizwa ngonyana wakho;

ndenze ndibe njengomnye kubaqeshwa bakho.

20. Wesuka weza kuyise.

Ke kaloku, akubon' ukuba usekude lee,

uyise wambona,



wasikwa yimfesane, wagidima,

wawa entanyeni yakhe, wamanga.

21. Wathi ke unyana kuye,
Bawo, ndonile kuwo
amazulu,
nasemehlweni akho;
andisafanele kubizwa
ngonyana wakho.



22. Uthe ke uyise kubakhonzi bakhe,
Rholani ingubo ende, eyona intle, nimambathise,
nifake umsesane esandleni sakhe,
neembadada ezinyaweni zakhe.

23. Nizise ithole, eliya lityetyisiweyo, nixhele;
sidle, sibe nemihlali.

24. Ngokuba lo nyana wam
ubefile, wabuya waphila;
ubelahlekile,
wafunyanwa.



Baqala ke ukuba nemihlali.

25. Ke kaloku unyana wakhe omkhulu ebesentsimini;
wathi xa azayo, wasondela endlwini,
weva ukugwala nokududa.

26. Wabizela kuye omnye kubakhonzi,
wambuza ukuba zingaba ziyini na ezi zinto.

27. Uthe ke yena kuye, Umninawa wakho ufikile;
uyihlo ke uxhele ithole, eliya lityetyisiweyo;
ngokuba ebuye wamzuzu ephilile.

28. Waqumba ke, akavuma nokungena.
Uphumile ke uyise
wambongoza.



29. Waphendula ke yena
wathi kuyise, Uyabona,
le minyaka ingakanana ndiyakukhonza,
andizanga ndigqithe mthetho wakho;
ukanti akuzanga undinike netakane eli,
ukuze ndenze imihlali nezam izihlobo;

30. kodwa xenikweni afikileyo lo nyana wakho,

wayidlayo wayigqiba impilo yakho namahenyukazi,

umxhelele ithole eliya lityetyisiweyo.

31. Uthe ke yena kuye, Mntwana wam,

wena uhleli unam, nazo zonke izinto zam zezakho.

32. Besimelwe kukuthi senze imihlali ke, sivuye;

ngokuba umninawa wakho lo ubefile,

wabuya waphila; ubelahlekile, wafunyanwa.




**<u>Zithobeni</u>** ULuka 18 : 9 – 14

9. Ke kaloku wathetha lo mzekeliso nakwabathile, ababekholose ngokuthi ngaphakathi kwabo bangamalungisa, bengabenze nto abanye:

10. Amadoda amabini enyuka aya etempileni, esiya kuthandaza; enye ingumFarisi, enye ingumbuthi werhafu.

11. UmFarisi, ezimise yedwa, wayethandaza esithi, Thixo, ndiyabulela kuwe, ukuba ndingenjengabanye abantu, abaphangi, abangemalungisa, abakrexezi; ndingenjengaye nalo mbuthi werhafu.




12. Ndizila ukudla kabini ngeveki, ndinikela izishumi zako konke endikuzuzayo.

13. Waye umbuthi werhafu emi kude,

engathandi nokuphakamisela amehlo akhe ezulwini;

wamana ukubetha esifubeni sakhe, esithi,

Thixo, yiba netarhu kum, mna moni.



14. Ndithi kuni, Wehla lo waya endlwini yakhe,

egwetyelwe yena kunalowa; ngokuba wonke

umntu oziphakamisayo uva kuthotywa;

nozithobayo ke uya kuphakanyiswa.